## ICANDELO A: ISIHOBE

QAPHELA EZONA NTSIKA ZIPHAMBILI KUHLALUTYO LOMHOBE.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

### UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule

Umvavanywa makabonakalise isakhono sokucazulula nokusetyenziswa kwezixhobo zobomi ezizezi: Isikhahlelo, iindidi zophindaphindo, izafobe kuquka amaqhalo.

Umfundi unokuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- **Isikhahlelo**: Tarhuni, imbongi icela indlebe ikwaxolisa icenga iingcaphephe zesiXhosa ukuba zimamela udaba eza nalo lokusweleka kuka AC Jordan ongumbhali woncwadi lwesiXhosa.
- **Uphindaphindo**: Lwezithethantonye, lwamaqhalo, imfano-zandi, imvano-siqalo.
- Kusetyenziswe uphindaphindo olutyhilwa zizithethantonye eziziyaleli kumqolo wesi-2 nowesi-3 Leqani, Balekani eziphuhlisa ukuba mabagxabhagxabhise ukuya kuva udaba olothusayo abalubizelwayo.
- Kusetyenziswe uphindaphindo olutyhilwa zizithethantonye ezingamaqhalo kumqolo wesi-4 nowesi-5 ukuphuhlisa ukuba akungabikho umntu omdala ekhaya ziyonakala izinto ezininzi. Oko kukuthi ngokusweleka kuka AC Jordan zininzi izinto ezazinokonakala ngoko ke wayefuna ukuba bakhawuleze banqande umonakalo ungekenzeki.
- Kwakhona uphindaphindo lutyhilwa zizithethantonye ezisekuqaleni kumqolo we-11 nowe-12 ukuphuhlisa indlela abathi banxunguphala ngayo abantu kwakusweleka uA.C. Jordan.
- Kusetyenziswe imfano-zandi yoo-s kumqolo wesi-6 ukuphuhlisa ukuba kufuneka abantu ababiziweyo kuquka nembongi bafike ngokukhawuleza bonke baze kuchophela udaba abalubizelweyo.
- Kusetyenziswe unxulumaniso kumqolo wesi-7 ukuphuhlisa ubukhulu bomsebenzi ekumele wenziwe ngokubhubha kuka-AC Jordan nawuphi na umthwalo omkhulu ofuna ukuphakanyiswa.
- Kumqolo we-11 kusetyenziswe igama 'libekiwe' ukunxulumanisa ukusweleka kuka-Profesa AC Jordan nokubhalwe kwizibhalo ezingcwele ezifumananeka kwincwadi iBhayibhile. Oku kuphuhlisa ukuba ukufa kuchaphazela abantu abancinci nabadala, oko kukuthi akunamntu ungakanani.
- Kusetyenziswe imvano-siphelo yoo-we kumqolo we-8 nowe-9 ukuphuhlisa ingxaki nentlungu awayekuyo amazwe elaseMerika nelaseAfrika ngokushiywa nguProfesa AC Jordan. **[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yalimanisi

2.1 Ubizwa 'Nkosi'√/Isikhahlelo√/Aa! Zweliyashukuma!

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.2 Ukubonakalisa ukuphakama, ubunganga nobude bakhe.√ (1)

2.3 Kungokuba imbongi incoma imisebenzi yakhe emihle efana nobukroti nobuthandazwe bakhe.√√ (2)

2.4 Ukungoyiki ukulimala xa echukumisa imicimbi enobungozi √√ (2)

2.5 B.√/ngenyoka √/B. ngenyoka.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.6 Ushiyo lwezikhamiso√/inani lamagama akwimiqolo√/uphindaphindo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.7 Isikhahlelo√/ukulanda umnombo√/imvelaphi√/ukusebenzisa izikweko ezayame kwizilo√/ukunconywa√/kugxekwe.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.8 Wenza ukuba abantu abamnyama bathathe inxaxheba kuvoto. √/waba ngumxolelanisi phakathi kwabemi beli nabamanye amazwe.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## IDOMPASI – N Gcali

3.1 Idilesi√/Igama√/Ubuhlanga√/ubuzwe√/umqeshi√/umsebenzi√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

3.2 Ukwakha umfanekiso ntelekelelo wemeko ababekuyo abantu ngenxa yedompasi. √/ukubonakalisa ukungahlonitshwa kwabantsundu√/ ukubonakalisa ukungalingani√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.3 Ukubethwa ngeempama√/ukubethwa ngamanqindi√/nokukhatywa ngesihlangu.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

3.4 Isifanadumo√ Umfanekiso ntelekelelo wesandi. √ (2)

3.5 Yinyani.√ Kuba ngenene kuyekiswe idompasi kwasetyenziswa i-ID. √ (2)

3.6 A.√/Sisidima nemincili kubantu nakwimbongi √ /
A. Sisidima nemincili kubantu nakwimbongi √

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**APHI NA AMADODA – M Mbutuma**

4.1 Kwizigingqi zomzi kaNdaba.√ (1)

4.2 Lisetyenziselwe ukubonisa abantu abangakwaziyo ukuqaphela izinto ezinokubenzakalisa √/libhekisa kubantu abazisondeza kwizinto eziza kubenzakalisa.√ (1)

4.3 B.√/Ukukhwebela abantu kwicala layo√/B. Ukukhwebela abantu kwicala layo.√ (1)

4.4 Ukuchukumisa iimvakalelo zomntu.√ (1)

4.5 Ilumkisa ukuba bangarhintyelwa yintambo ekunokwenzeka ingakhululeki.√/ Ilumkisa ngengcinezelo nembophelelo abanokuzibona bekuyo kube nzima ukukhululeka.√/Ilumkisa ngeshwangusha elifihlakeleyo lifihlwe zizinto ezibonakala zintle.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

4.6 Ize nozimelegeqe√/yakhotha izilumko ngokunika izikhundla kubantu abangathi bakrelekrele.√/Yanikeza uncedo olusimahla ebantwini njengokufundisa abantwana abaphumelele iBanga le-10√/Ivuyise abantu ngokuthi ibalimele amasimi simahla.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

4.7 Malunga nexesha lokumiselwa kolawulo lwamaphandle.√

Ngenxa yokuba izinto ezikhankanywa ngulo mbongo zazisehla ngela xesha ngokwembali yeli.√ (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**IXESHA – SEK Mqhayi**

Umvavanywa makabonakalise isakhono sokuveza intsingiselo ecace gca yombongo.

Umfundi unokuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo.

- Kwisitanza soku-1 uvelisa ixesha njengento enqabe okwezinyo lenkukhu de aliveze linqabe nangaphezulu kwemali nto leyo exatyisiweyo nethandwayo ngabantu. Oku kungqina ukuba ixesha yenye yezinto ezixabisekileyo neziyingxaki eluntwini kuba lisoloko lingekho.
- Kwisitanza sesi-2 ixesha lifuna ukunonotshelwa lisetyenziswe ngendlela eyiyo xa likhona. Kufuneka umntu agxabhagxabhise xa esenza nantoni na ukuze ixesha lingamshiyi engagqibanga. Lilonke kufuneka akwenze konke anako ukukwenza ukuleqa ixesha.
- Kwisitanza sesi-3 umbhali usivelisela ukuba nokuba ixesha elifumanekayo libonakala lingumzuzwana okanye lilincinane lisebenzise kuba ixeshana elikushiyileyo awunakuphinde ulifumane kwaye ikho into onokuyenza nokuba ixesha olifumanayo lincinane kangakanani na.
- Kwisitanza sesi-4 umbhali usivelisela ukuba kuninzi kwaye kukhulu okuthi kuxhanyulwe ngumntu olixabisileyo nolileqayo ixesha. Yive xa ithi, '... Unenzuzo enkulu yomhlaba nezulu, olitsibelayo ...' Ngesi sibaxo uphuhlisa izinto ezinkulu nezixabisekileyo ezithi zixhanyulwe ngulowo ukwaziyo ukulileqa ixesha.
- Kwisitanza sesi-5 umbhali uyasilumkisa ekwasicebisa ngokuba masingashiywa lixesha kuba ixesha elichithekileyo aliphinde libuye. Lilonke ufuna ukuba siqinisekise ukuba ixeshana esilifumanayo ikho into esiyizuzayo, ngoko masilisebenzisele ukuzuza ukuze singalikhaleli.

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**IXESHA – SEK Mqhayi**

6.1 A.√/Ithetha ngokuzithoba.√/A. Ithetha ngokuzithoba.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.2 Ngesantya√

Ngako konke onako√/ngamandla akho onke.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

6.3 Ngumntu omdala√

Kuba uthetha ngamava ngokubaluleka kwexesha.√ (2)

6.4 Luphindaphindo.√ (1)

6.5 Kukusebenzisa ixesha ngokufanelekileyo nokuba lincinci kangakanani libalulekile, alibuyi xa ungalisebenzisanga ngendlela. Umntu oxabis'ixesha uvuna lukhulu.√ (2)

6.6 'Asint'ibuy'ibuye.'√ (1)

6.7 Ukhulisa ukuxabisa ixesha.√/ukhulisa ukubona ixesha njengento exabisekileyo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Tamsanqa**

Umvavanywa unokuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Uthandaza kuThixo ecela ukusindiswa kuloo ngozi ethembisa ngokumnqula yonke imihla xa enokusindiswa kuloo meko.
- Usebenzele iNkosi esemncinane kuba wayengusihlalo we-SCA. Wayesaba abafundi neetitshala ezaziza kushumayela kwiinkonzo zasemva kwemini. Wayemema abefundisi nabashumayeli bangaphandle beze kushumayela esikolweni.
- Wayekwachonga abafundi ababeza kushumayela kwiilali ezirhangqe isinala.
- Wayemana ukuya kushumayela ezilalini esaziwa kangangoko kwezo lali zaseMxhelo noMagaga ngeentshumayelo zakhe ezimnandi. Intshumayelo zakhe zazithanda ukukhatshwa ngamabali, de abantu batsho ukuba unokuba wakhe wantlithwa lilizwe.
- Ukuzinikela kwakhe. Emva kwamazwi oMfundisi wokuba kufuneka ulutsha oluza kungenela ubufundisi luvuselele abantu, uMangaliso wazinikela. Waya kumazwe ngamazwe efundela ubuKrestu waze waphumelela emagqabini waba nezidanga zeB.A, Master of Divinity eNgilane, Ph.D. Wayemenywa kumaziko aphezulu njengeSt.Peter's Cathedral ukuba ayokushumayela kuwo, msebenzi lowo wayewenza ngezandla ezingenamkhinkqi.
- Wabuyela ekhaya sele engumakhwekwetha womfundisi waseWesile, waduma kulo lonke. Wamkelwa sisifundisi saseWesile ngethekokazi elatsala nothathatha efumana izipho mali.
- Xa iSinodi yabefundisi yayisabela abefundisi iindawo zokuba babe ngabefundisi kuzo, akukho namnye umfundisi owayenqwenela ukuya eGeorge Goch ngenxa yokuba yayibaginya ngeziyolo zayo. UMangaliso wathi makunyulwe yena ukuya eGeorge Goch.
- Wawenza umsebenzi weNkosi ngokuzimisela.Wawasebenzisa onke amacebo okulobela abantu enkonzweni. Uqale ngokuyihlola indawo yaseGeorge Goch esakha ubuhlobo nabo wayedibana nabo ebabulisa ngesidima. Wathandaza kwisiza ekwakuza kwakhiwa kuso iSpes Bona. Wakhe iSpes Bona ngeentshumayelo zakhe.
- Wenza imvuselelo kwazala indlu yenkonzo. Waguqula abantu kwaze kwaguquka noyise.
- Wabuyisela abantu abasele baphumayo enkonzweni ngeentshumayelo zakhe.
- Washukumisa inkomponi, eshumayeza abantu ngamabali ayimizekelo, ezifanisa noPawulosi eAtene ngomsebenzi wakhe.
- Utata wakhe, uMkwayi noMangaliso babuyela kuHolela bavuselela ikhaya labo wakha nendlu yecawa uThole.
- Icawa yakuHolela igcwele iyaphuphuma ngabantu. Iicawa zaseWisile kuCentane zintshula okwamakhowa zisakhiwa nguMangaliso **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

8.1 ENgilane.√/Oxford University.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.2 Wayezokucela umtshato.√/Ebeye kubona isithandwa sakhe. (1)

8.3 Wayemthumelela imali√/Wayemkhuthaza √/Wayemcebisa√/Wayempha iincwadi zokumqinisa kwiinzima zobom.√

(Naziphi na ezimbini) (2)

8.4 Ngumntu osoloko ekufutshane kuye encedisana naye kuzo zonke izinto √√/umntu osoloko emncedisa ekwamxhasa ngalo lonke ixesha√√/umntu anokusoloko ethembele kuye ngamaxesha onke.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.5 Washumayeza abantu baseGeorge Goch baguquka wada wakha iSpes Bona.√/Ushumayele kubafundi esesesikolweni.√/Washumayeza waguqula abantu kwakhiwa nezinye iicawa ezininzi kuHolela nakuCentane

(Naziphi na ezimbini) (2)

8.6 Ukhuthazela ezintweni ezakhayo.√√/Ungumntu onovelwano nomonde.√√ uthobekile√√/uyafikeleleka√ √

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.7 Ngenjongo yokuba kungabikho siphazamiso siya kuphinde sibe kho kobu bomi bukaThole butsha. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.8 ... 'Makube njengokuba uthetha bhuti Thole.'√ (1)

8.9 Ukungakholelwa ukuba nguloThole asuka naye kude lo umcela umtshato√ (1)

8.10 C.√/C.abe yinkosikazi yakhe.√/abe yinkosikazi yakhe. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.11 Ukuphila kumaxesha empucuko√√/umfana uyazibonela umfazi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.12 Umkhango√/isiva ebusweni√/ingxam yobuso.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

8.13 Bamnika amathuba okuziphuhlisa bemkhulisa kwindlela ekhokelela ebufundisini.√√ (2)

8.14 Waphuma enkomponi wahlala nosapho lwakhe√/Wathengelwa iimpahla ezintsha waphuma kumadlavu√/waba lilungu letyalike yaseWesile.√/waba yindoda eyakwazi ukuba nomzi wayo.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

8.15 Sifanelekile.√ kuba wayegqibile esikolweni enawo nomsebenzi osisigxina ukuze akwazi ukondla usapho lwakhe√/kuba wayengasebenzi ngela xesha wayengazukukwazi ukondla usapho lwakhe.√/Ubomi bakhe babungazinzanga.√/Ungumfundisi umele ukuba abe nomncedi. √/Uthando lwabo lwaluzinzile. √

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Umvavanywa unokuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Okoko uMfazwe aphuma eluvalelweni engavumanga ukuba yimpimpi yamapolisa, ubomi bakhe baba semngciphekweni kuba kwakufuneka ebulewe.
- Kwasasazwa ubuxoki bokuba unguntamnani, uyaxela okanye uyimpimpi nto leyo yamenza ikheswa akafunwa nangabo babekufutshane naye njengobaw'uGaba noNokuzola.
- Wonke ummi wakwaQaka wayemakhele umkhanyo nkqu nabo kwakumele bamkhusele ngokokumazi kwabo.
- Wazimisela ukulihlamba igama lakhe ekuhlaleni njengoko lalingcolisiwe.
- Wayesoloko eziqaphele izenzo zikaFriday.
- Kwiinzame zakhe zokubonisa ubumsulwa bakhe, warhintyeleka kwisenzo sokubulala.
- La mazwi ayethethwa ngumfundisi uHlathi othuswe yindlela ayengayo uMfazwe, njengoko wayengene endlwini ebomvu krwe ligazi.
- UMfazwe wahlaselwa kwatshiswa ikamele awayeza kulala kulo ngebhombu yepetroli.
- Waphuma walanda ekhondweni labenzi bobubi. Ekulandeleni umkhondo wagaxeleka kwisithathu samadoda abuleweyo nenye eyayisecicini lokufa yaze yafela phambi kwakhe.
- Wayeqinisekile ukuba umfumene uFriday, kodwa yayinguye uMfazwe owayegcwele igazi.

- Koko kuhamba emnyameni wadyobheka kwigazi lala madoda. Xa engena kwamfundisi uHlathi wayebomvu krwe ligazi ezihlangwini.
- Emva kwemibuzo eliqela nengcombolo yebali likaMfazwe umfundisi uHlathi wamcebisa ukuba asabe awele imida yeli. Wawenza amalungiselelo okumbalekisela eMhlabiso uMfazwe. Wamnika imoto yakhe wemka ngayo.
- Unikwa umbhumbutho wamaphephandaba angembali, neentetho zamaqhawe omzabalazo.
- Uxhotyiswa ngolwazi lwezepolitiki. Ufumana ithuba lokukhetha iqela aza kuya kulo ngokwendawo ayityumbileyo. Udlwengula umxhelo wenenekazi elinguNcumisa.
- Uva udaba lokunyamalala kwabazali bakhe kwakunye nabakaSiqithi.
- Ubalekiselwa phambili ngemoto eqhutywa yindoda emfutshane uNdima eye kumbeka esikhululweni sikaloliwe.
- Ukulahla umkhondo unikwa umnqwazi amakaze awuthwale ukuze angabonwa ngamapolisa, wanikwa kwanemali eninzi.
- Kwisikhululo awayeza kwehla kuso kwakunyakazela ngamapolisa kwanyanzeleka ukuba azifihle. Ukhwazwa ngapha nangapha ngabamaziyo kwibhola yeqakamba.Utshintsha indlela yokuhamba, uhamba sabuqhwalela, ekwatshintsha nendlela abophe ngayo iinwele. Uzama ukulahla umkhondo de afumane ithuba lokukhwela itreyini abe uyaphuncula ekubanjweni.
- Uloliwe wamiswa waze uMfazwe wakwazi ukubhungca kuba kakade kwakufunwa abantu abanje ngaye. Washiywa lixesha lokufika apho wayeya kuphuthunywa khona wenyusa intaba waze wadibana nomzingeli wambongoza ukuba angaqhubeleki phambili kodwa wala.
- Wamnika izinto ezaziza kumnceda amelane nesimo awayeza kugagana naso. Wampha amafutha ezilwanyana zasendle neenyoka ezinobuhlungu nentelezi. Wamalathisa indlela amakahambe ngayo. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

10.1 Kwintlanganiso yasekuhlaleni √/baseholweni.√/Basentlanganisweni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.2 NguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday.√/ukugonwa kukaZo nguFriday√/ukugwejelisa kukaFriday ingalo kuNokuzola emsondeza kuye.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.3 Babethandana.√ (1)

10.4 Waphelelwa bubugagu√ wangenwa yintaka.√ (2)

10.5 Wamelwa yintliziyo akuva udaba lokusweleka komyeni wakhe.√ (1)

10.6 Yinto yokuba kwathi kanti oyena 'Qhimgqoshe' sisithethi esi ekuhambeni kwexesha.√√ (2)

10.7 Kukusweleka kwabantwana besikolo ngokudutyulwa kumbhodamo owawuqhubeka.√√/Kukudutyulwa kwabantwana besikolo nokubulawa kukaKK eluvalelweni ngamapolisa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.8 A.√/Umangaliswa kukuba abantu abebathembile bamjikela.√ /
A.Umangaliswa kukuba abantu abebathembile bamjikela.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.9 Lokuyondelelana kwezinto.√ (1)

10.10 Yayingumoya womlo√/kukho inzondo engunyonyo onuka igazi√/kuba kwakusiliwa kungekho namnye umzuzu owawungalwi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.11 Abantu bayakwazi ukuzenza msulwa kanti ngabo ooqhimgqoshe√√/ukuba abantu baziingcuka ezambethe ufele lwegusha. √√

(Nayiphi na impendulo esemxholweni) (2)

10.12 Waba noloyiko√/Woyika√/Wangenwa luloyiko.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.13 Ngumfanekiso ntelekelelo weliso okanye wendlebe onjongo yawo ikukuqaqambisa indlela awayebethwa ngayo.√√ (2)

10.14 Ukuqala kwabo ukubonana imimoya yaxhawulana. √√

Ekugqibeleni akusweleka uNokuzola, uCikizwa ukhulise umntwana kaMfazwe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

10.15 Akazange afune ukuva umntu othetha ngoNokuzola√/Akazange azifunde iincwadi awayezibhalelwa nguNokuzola√/Waba nentiyo kuFriday.√/Ebesithi akufikelwa ngumfanekiso kaNokuzola acaphuke kakhulu.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

10.16 Sisigama esisetyenzisiweyo ukubonisa ukubethwa kwakhe ngamakhwenkwana esikolo awayewafundisa.√√/Ulwimi olusetyenzisiweyo ukubonisa Iintlungu zasenyameni awaziva ngenxa yokubethwa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.17 Azaliseka ngokuthi kufumaneke inkululeko√/ngenkululeko√/Iingxoxo eRhawutini ngolawulo√/ukubuya kwababeselubhacweni√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

### AMAZA – ZS Qangule

Umvavanywa unokuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

*(Apha umfundi kufuneka eveze icala elikrakra kubomi bothando lukaLizo noNamhla aze abonise namandla othando adlula kwezo meko.*

Xa umfundi ebala iinkqwithela, izichotho, imilambo egqumayo kwanamaza adlokovayo angabalula oku:

- UNamhla ubonelwa uSidima ngeli xa yena engazimisele kwaphela ukutshata naye efuna uLizo osenyongweni kuye.
- Incwadi ivulwa ibali liphakathi, ngoNamhla ogquthezayo ozibona egutyungelwe lilifu elimnyama ngenxa yoku kwendiswa ngebhaxa nguyise uDanile phofu kunjalo akalutshintshi uthando lwakhe kuLizo. Yiva xa athi akufika uLizo entangeni, 'Shu*! Kunini ndikulindele!*'
- ULizo udiliza iindonga aye emkhusaneni engelilo iBhele ngokwesiko, apho atsho ahlangane nengqumbo yamaBhele. Kodwa oku kumomeleza ngakumbi kuthando lwakhe noNamhla.
- Imini yomtshato iyafika, uNamhla akukhunjuzwa ngamazwi eziyalo uthi afika izithole sele zifile.
- ULizo ufumanisa ukuba uZodwa wakhe unomntwana kaSidima imncede loo nto ukuba afune ngakumbi ukutshata noNamhla.
- Uthi sele ebhubhile lo Sidima ungumqobo ekutshateni kukaNamhla noLizo, suka endiselwe kumninawa kaSidima onguDuma ngesiko lokungenwa naleyo uyilwa ngokwenziwa nzima nguLizo.
- UNamhla akaphatheki kakuhle ngenxa yoku kubanzima akwenziwe nguLizo nangoku sele engasekho uSidima. Kuqala neemfazwe phakathi kwakhe nabomzi nabakowabo kodwa akatshintshi konke konke kolu thando lwakhe. Umntwana wakhe noLizo ubonwa njengo'tshungu' nto leyo engenakumenza onwabe nanini na.
- ULizo uzimisela ukuzimela noNamhla ngexhala lokoyika uqhwithela oluzayo, Amazwi akhe athi simi kunxweme lomlambo obunzulu singabaziyo … hleze soyele sife' adandalazisa ixhala.
- UMzabalazi uyayingqina into yokuba 'intombi enothando ixolele ukujinga iliso ngomfo ezinikele kuye.'
- Kufumaniseka ukuba kwaloo Sidima khange abhubhe ibe yingxaki ke ngoku naleyo.
- UNamhla ubabona abazali bakhe beyingxaki ebomini bakhe, ingakumbi uyise amchaza njengo '*Sathana olatyuza amadangatye, irhamncwa elimadolo aluhlaza'* UNamhla umbona uyise njengozenza umvalo.
- UNamhla uvelelwa nguMaNdaba osuke waluqhwithela naye ngokumfundekela ngokutshata, omombelela ngokumithiswa kwakhe nguLizo, ngokuzilela uSidima kodwa akamniki thuba kwaphela uyaziphendulela rhabaxa.
- Izenzo zabazali zimkhupha isimilo uNamhla de athuke noSabatha ngokwa 'nekela yena izabatha.'

UNamhla uliwele laphakade likaLizo ngokuthi;

- ULizo usoloko eliyeza kwiingxaki zikaNamhla.
- UNamhla xa esamkela umsesane kaLizo uthi 'Kugqityiwe'.
- Ngoku sele ebhubhile uSidima uLizo noNamhla basafuna amayeza okuqinisa uthando lwabo.
- Izifungo zikaNamhla nezikaLizo.
- UNamhla xa enoLizo uzibona esisidwangube, encinda ubusi aze azichaze njengobangulwa ziintolo zovuyo.
- ULizo umbona uNamhla njengomsimelelo wakhe amomeleze ngokuba iingxaki zonke ziza kuphela azibandakanye kwidabi lokuchithachitha imisinga. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

12.1 Ebeyokuphanda ukuba ngenene uZodwa Zazile noSidima basaphila.√/ebeye kucupha√ (1)

12.2 A.√/umangalisiwe√/A. umangalisiwe.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

12.3 'Uphile qete'.√ (1)

12.4 Ubefuna kuvele umbulali ka 'Sidima' kowabo.√√ (2)

12.5 UMalimakhwe akazange amazise umyeni wakhe ngomntwana awamlahlayo onguNamhla.√√/USilumko wothuka emangcwabeni ukuba uMalimakhwe unomntwana√ (2)

12.6 Lixesha langoku √/lixesha lokhanyo.√ (1)

12.7 NguDuma.√ (1)

12.8 Sisiporho esingabalalisiyo.√ (1)

12.9 USilumko ubacebise ukuba bagoduke bafike ekhaya ngobusuku baqale emangcwabeni babeke ilitye.√√ (2)

12.10 Kwathiwa baza kwambathwa lilifu elimnyama √ nomoya womfi uza kubadubaduba.√ (2)

12.11 Wenza into engafanelekanga√ kuba naye uthandana nenkosikazi kaSidima enguNamhla.√

Wenza into efanelekileyo√ kuba wayengumqobo kuthando lwabo. √ (2)

12.12 Basinikwe nguSilumko.√ (1)

12.13 Wayembonisa uphawu awaziwa ngalo ngeenjongo zokumqinisekisa ukuba usaphila .√√ (2)

12.14 Baziwa bebhubhile kaloku, boyika ukubonwa.√ (1)

12.15 Kaloku nguye obulele uDuma ecinga ukuba ubulele uSidima.√√ (1)

12.16 Ngokuthi aveze oyena mzali kaNamhla onguMalimakwe.√√/Ngokuthi aveze ukuba uSidima noZodwa basadla amazimba.√√/Ngokuthi aveze ukuba umntu ongcwatyiweyo nguDuma.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.17 Usungula iziganeko√/Iziganeko zonke zingqonge yena de athi nokuba akakho kuthethwe ngaye √/Unento ayinqwenelayo kodwa kukho imiqobo ebangela ukuba kubonakale luzizi ukuba angayifumana√/uxolele ukujinga iliso kunokuba akungayifumani le nto ayifunayo √

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Abafundi bayakuzixhasa kwimibono yabo ngezi meko nezinye ezinyanisileyo ezingakhankanywanga ukungqina ukuthathwa kwemihlaba, imfuyo nabafazi zezi 'mpuku zingonelanga ziindiza'.

- Iingqondo zamadoda zixhwilwe ngotywala obubomvu, umzekelo uSoga.
- Intetho kaNxokwana idiza ukuba abelungu basebenzisa imilingo yabo ukuwexula amagqirha, umzekeliso wokuthinjwa kweengqondo.
- Utshaba lwasigqiba lwasibetha ngondlela mnyama oku komntu omumethe ilitye likaHili.
- USomerset uzamela ukuba amandla omkhosi angasinyi ngenxa yenkolo yabefundisi ezamela yena isikhundla esiphezulu.
- Batshabalalisa imizi abavule kuyo iintlanti bethimba iinkomo zabantu.
- Inkolo ithimbe abantwana nabafazi kubayeni babo. Mamela intetho zikaMntlane, nezikaBawana.
- Abasayi nakomkhulu bajongele phantsi izinto zikaNtu.
- Umzi uqhekekile abasathembananga.
- Abafazi abasayazi imisebenzi yabo bayalwa.
- Amazwi kaNeku 'sesifana noonothwal'impahlana kwizwe lethu' bephazanyiswa ngooSomerset.
- 'Sebekrwela ngomsizi intetho yesiXhosa bengayazi.' UMaqoma unomrhano wokuba babhala izinto ezingekhoyo.

- UKondile uthimbekile sele wasela notywala obubomvu uthimbe neentliziyo zabantu, abafazi abasafuni kusila.
- Kwenziwa iyelenqe nguSomerset ngoMaqoma.
- Bathi makupheliswe iziyunguma zakwaNtu, amasiko, ukuqaba imbola nokunxiba izikhumba neentsimbi bakwafuna umhlaba phofu amadoda endawo ayakhalima athi kusekutsha.
- Umhlekazi uXhoxho ungenelwe ngamaNgesi atshayela.
- UQuka uyathengwa athengise ngesizwe naye. UBeau uthenga emithiyo ngenethole.
- UMaqoma uqala **umsindo.**
- UNdoyisile wabulawa ngokuqutyulwa- kusongelwene kuyaliwa.
- Amazwi kaMaqoma' izolo besixovula umcimbi wokugxothwa kwethu emhlabeni woobawomkhulu? Ngoku nanko uSomerset esiya kuhlasela kwiilali zomntakwethu. Uyazibona ezi nzame zikaSomerset zokuxhuthuluza umhlaba wooyise.
- Udiza ukuba ujonge ukuncathamisa amaLawu awamfenguzise kumhlaba kaMaqoma.
- Babanyoba abantu ngokubaxhelela babaphekele ukutya okumnandi.
- Kucetywa ukuthatha inkundla kaMaqoma.
- USomerset uyalithenga iyelenqe lokukhupha uMaqoma emhlabeni wakhe, ufuna 'ukumbamba apho amfutshane khona … aye kuhlala nezinye iindlavini eziya ziphesheya kweTyhume'.
- OoSomerset bayahlasela.
- Quka uthengwe ngabeLungu ngeempahla nemipu ngoku uhlasela abantu abamnyama ngemipu encediswa ngabeLungu. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

14.1 ERhini√/kwinkampu yamajoni √/egumbini loMphathi-hlelo weMpuma-Koloni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.2 Bathi bawucimile umkhondo wabo.√ (1)

14.3 Ngumhlaba waseTshokotshele.√ (1)

14.4 NguMaqoma.√ (1)

14.5 Ukhohliswe ngokunikwa umpu√√/ukhohliswe ngokunikwa impahla zamajoni√√ /ukhohliswe ngokunikwa ihashe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.6 Andingqinelani.√ kuba siva izikhalazo zikaSomerset ngezimbo zokuvelwa ngemva ngabefundisi √ (2)

14.7 Babegunyaziswa ukuba benze into bengayithandi√/Bagxothwe kakubi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.8 1825–1829√/ukufuduswa kukaMaqoma ewezwa iXesi kusithiwa makaye kuma kumhlaba iTyhume.√/ngexesha lengcinezelo.√Kwisithuba sika1829.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.9 USomerset ubaqhwabela izandla abantu bebulele abantu√√/ubancoma ebakhuthaza abantu benze into embi√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.10 Wenziwe wangumntu omele umbuso waseBhilitani.√√ (2)

14.11 Uyaleza ukucelelwa ukhuselo nanjengoko umzi ushiyeke ugxavalala.√/ ukuthethelelwa kweenkosi zabaThembu kumothuko ezikuwo.√/amacebo kwingxaki yokulahlekelwa yimihlaba yokowabo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

14.12 'Thetha kuloo manyange nakwezo zihlwele zakowenu uzichazele ...' √ (1)

14.13 Isihlonipho√;

IsiXhosa siyakuhlonipha ukufa.√/ukuze angakunkqangazi ukufa.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.14 Wayewancoma amajoni ngohlaselo alwenzileyo nendlela alwenze ngayo.√√ (2)

14.15 Ngokwendiselana√/yayingumkhwe wakhe√/wayengumkhwenyana wayo√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.16 Umoya wakhe udandathekile√/ukhathazekile. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.17 B.√/Ukulila kodwa kungabikho sandi sesikhalo√/
B.Ukulila kodwa kungabikho sandi sesikhalo√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.18 Kucingelwa ukuba uQuka wafa√ uMngxongo yena akuba ekhululwe nguMaqoma wazigweba ngokubalekela ehlathini waleqwa nazizinja.√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**